



Isalathiso: 20180528-2594
12/12/13/4
Imibuzo: S Howes

ISetyhula: 0029/2018

Umhla wokuphelelwa: 31 Disemba 2018

Iya: KumaGosa eZithili, kooTitshala, kwiiNtloko zamaCandelo eZifundo, kwiiNqununu nakumaLungu amaBhunga oLawulo

Isishwankathelo esifutshane: *Izikolo ezifanelekileyo eziseKapa nakuSinga-siqithi weKapa ziyacelwa zenze isicelo samacwecwe ezikhumbuzo ii-Blue Plaques ka-2018*

Isihloko: Isicelo esiya ezikolweni ezikwisixeko saseKapa nakuSinga-siqithi weKapa sokuba mazenze isicelo sokufumana amacwecwe ezikhumbuzo ii-Blue Plaques ka-2018

1. Ingcaciso ngokubanzi ngeprojekthi yezikolo i-Blue Plaque Schools Project ka-2018

- 1.1 Nge-24 Septemba 2014, iHarold Cressy High School, yaye yabhengezwa njengeProvincial Heritage Site phantsi komthetho omtsha i-National Heritage Resources Act, ka-1999 (uMthetho 25 ka-1999). Oku kwatsalela iingqondo kwigalelo elixabiseke gqitha elenziwa zizikolo ekuqingqeni izimo zabantu nasekulondolozeni imvelaphi elilifa lethu.
- 1.2 Izikolo ezininzi eziseNtshona Koloni zinembali ende nemvelaphi elilifa lethu eliqhayiya yokuzisa imfundo kwiindawo zasekuhlaleni zazo. Ezinye zezi zikolo zizikolo ezinendumasi, nezaye zathi ngokugqwesa kwazo zafikelela emehlweni abantu ngokweendlela ezahlukeneyo. Kude kube ngoku ezinye izikolo ezininzi zisasele zingekafumani kuqwalaselwa zisethinzini ngenxa yembali yokungalingani kweentlanga yexesha elidlulileyo yelizwe lethu. Oku kuyinyaniso ngakumbi kwizikolo zecawa ezininzi ezathi zaphuhla zade zangamaziko agqwesileyo kwiindawo zasekuhlaleni zabahlwempuzekileyo. Sikholelwa ekubeni isikolo ngasinye sibaluleke gqitha yaye zonke izikolo maziyanikwe ingqwalaselo ngegalelo lazo.

- 1.3 Amacwecwe ezikhumbuzo ii-Blue Plaques ayisimboli eyaziwayo ngamazwe ngamazwe yezakhiwo kunye neendawo ezibaluleke gqitha kwimbali nakwimvelaphi elilifa lethu kwindawo yasekuhlaleni. Kwisixeko saseKapa, iSimon van der Stel Foundation (eya kwaziwa emva koku njenge-“Foundation” (“iNgxowa-mali”) iqhube iprojekthi eyi-Blue Plaque Project kwithuba leminyaka eyi-50 egqithileyo.
- 1.4 Le projekthi ithetha ukuba izakhiwo zembali ezinika umdla nezinexabiso gqitha kunye namaziko afumaneka kwisixeko saseKapa anikwa ingqwalaselo nengxabiseko ngokuwongwa ngecwecwe lesikhumbuzo eliyi-Blue Plaque. Ukufumana enye ingcaciso nokubona imifaneko yamacwecwe ezikhumbuzo ii-Blue Plaques, yiya apha: www.simonvdstel.org.
- 1.5 Izikolo, ubukhulu becala ziye azanikwa ngqwalaselo zafumana ukumelwa kancinane ekubeni zibe nokuwongwa ngamacwecwe ezikhumbuzo azii-Blue Plaques, yaye iNgxowa-mali (Foundation), ibambisene neziko i-Centre for Conservation Education (eya kwaziwa emva koku njenge-“Centre”), inqwenela ukwazisa izikolo ngale projekthi yaye ikhuthaza ezo zikolo zinovakalelo lokuba zikufanele ukuzuza icwecwe lesikhumbuzo i-Blue Plaque mazenze isicelo soko.
- 1.6 Ngo-2017, ezi zikolo zilandelayo zaye zawongwa ngamacwecwe ii-Blue Plaques:
- 1.6.1 IAlexander Sintoni High (ngenxa yokuthubeleza siphumelele kwiimeko ezinzima)
 - 1.6.2 ICamps Bay Primary (ngobugcisa obubalasele gqitha ekuyilweni kwesakhiwo)
 - 1.6.3 IDryden Street Primary (ngobugcisa obubalasele gqitha ekuyilweni kwesakhiwo)
 - 1.6.4 ISt Paul’s Primary (ngenxa yobudala besikolo – sasekwa ngo-1859)
 - 1.6.5 IStar of the Sea Convent Primary (ngegalelo elenziwa ngumseki waso, uFr John Duigman)
- 1.7 Singathanda ukukhuthaza izikolo zenze isicelo sika-2018, zizinonophele ngakumbi iindidi ezidweliswe kumhlathi 4.
- 1.8 Le projekthi ngoku iphelela kwizikolo ezikumbindi wesixeko saseKapa nakuSinga-siqithi weKapa (ingakumbi kwizithili zemfundo iMetro South neMetro Central, kanti kwakhona nakwiindawo ezithile ezikwiMetro North nakwiMetro East). Oku kubangelwa yimimiselo yokusekwa kweConservator Trust ekhupha imali yale projekthi nelawulwa yile Foundation. Kuba iTrust eyayisekwe kwiminyaka emininzi egqithileyo, isebenza ngokwemida yoomasipala bangaphambili. Siyakuqonda oku ukuba kwaye kwazidlela indlala izikolo ezingaphandle kwale mida kodwa zibe zona zikufanele ukuwafumana amacwecwe esikhumbuzo. Ukuze ibe nokuphononongwa imeko kwakhona, iprojekthi i-Blue Plaque Schools Project kusenokunyanzeleka ukuba kukhe kuthiwe xha ngayo ngo-2019 ukwenzela ukuba abaququzeleli babe nako ukuyihlola imeko yaye ba le program yaye ukuquka izikolo. Ke ngoko, u-2018 kusenokwenzeka ukuba abe yiprogram yokugqibela eya kuqhuba ngokwemo yayo yangoku yaye ukuba unovakalelo lokuba isikolo sakho sikufanele ukufumana icwecwe lesikhumbuzo, kucelwa ukuba wenze isicelo ngaphandle kokulibazisa.

2. Okuyinzuzo kwizikolo

- 2.1 Ukufumana icwecwe lesikhumbuzo i-*Blue Plaque* kunoku kulandelayo kuya kuzuzwa zizikolo:
 - 2.1.1 Amacwecwe ezikhumbuzo ii-*Blue Plaques* aziwa kumazwe ngamazwe njengemiqondiso yemekoo yemvelaphi elilifa lethu yesakhiwo okanye yeziko.
 - 2.1.2 Amacwecwe ezikhumbuzo ii-*Blue Plaques* anendumasi yaye kuya kukhutshwa elinani eliqingqiweyo kunyaka ngamnye, kuxhomekeke kwizibonelelo zoncedo ezifumanekayo.
 - 2.1.3 Amacwecwe ezikhumbuzo ii-*Blue Plaques* ancanyathiselwa ngaphambili kwisakhiwo sesikolo njengophawu lwezembali olusisigxina ukukhumbula unxibelelwano olukhoyo phakathi kwesikolo nomsebenzi, isiganeko okanye umntu onendumasi. Amacwecwe esikhumbuzo abekwa kwindawo esemboniselweni kakhulu ukwenzela ukuba abafundi, abazali kunye neendwendwe zibe nako ukuzibona.
 - 2.1.4 Ngokuwongwa ngecwecwe lesikhumbuzo i-*Blue Plaque*, isikolo sifumana ukuqatshelwa ngegalelo eliyimbali esilenzileyo kwimfundo kubahlali abayinxalenye yaso nakwimfundo ngokubanzi.
 - 2.1.5 Amacwecwe ezikhumbuzo ii-*Blue Plaques* ayintsusa yokuziqhenya koluntu kunye nempumelelo.
 - 2.1.6 Amacwecwe ezikhumbuzo ii-*Blue Plaques* ayilwe ngokufanelekileyo yaye enziwa ngolutho olomelele gqitha.
 - 2.1.7 Zizikolo ezithatha isigqibo ngolwimi nangamazwi eziya kuba kumacwecwe esikhumbuzo ubuqu, oko kuhamba negalelo kunye nemvume esuka kwiphaneli etyunjwe yi*Foundation*.
 - 2.1.8 Izikolo ezifumana amacwecwe ezikhumbuzo ii-*Blue Plaques* ziya kudweliswa kwiziko lewebhu le*Foundation*.
- 2.2 Inkqubo yokwenza isicelo yasoloko iyinto eyenziwa ukuba mayibe lula gqitha ukwenzela ukuba izikolo zingachithi xesha lide ngokwenza iziphakamiso ezide nezicacisiweyo.

3. Indlela esebenza ngayo iprojekthi i-*Blue Plaque Schools Project*

- 3.1 Kuxabisa kakhulu ukwenza amacwecwe esikhumbuzo. Qho ngonyaka i*Foundation* iya kwenza **ibhaso lokuwonga lecwecwe lesikhumbuzo i-*Blue Plaque* libe linye eliya kwisikolo esikufaneleyo oko** kwindawo leyo imiselweyo oko kusenziwa **simahla kwisikolo eso**. Izikolo ezinovakalelo lokuba ziyazifezekisa ezi khrayitheriya ziyacelwa zenze isicelo soko.
- 3.2 Nakuba kunjalo, izikolo ezikwisimo sokuba zingazihlawulela icwecwe lesikhumbuzo i-*Blue Plaque* ngokwazo ziyacelwa kwakhona ukuba zenze isicelo soko. Zizikolo ezine ezinokunikwa ingawalaselo phantsi kwale nkqubo ngo-2018.

- 3.3 Iindleko zecwecwe lesikhumbuzo i-*Blue Plaque*, kuqukwa nokulifaka, kuxabisa i-R1 750,00. Oku kusengantshintsha ethubeni zize izikolo ezenze isicelo esibe yimpumelelo eziya kuzithwalela uxanduva lokuhlawula iindleko zona ubuqu zize zinikwe i-invoyisi yeendleko eyi-100% phambi kokuba kube noku-odolwa icwecwe lesikhumbuzo.
- 3.4 Isicelo ngasinye siya kuqwalaselwa ngokwemeko yaso yipaneli yabagwebi emele i-*Foundation* kunye neZiko. Izikolo mazifezekise **ubuncinane ibe nye kwiikhrayitheriya ezintandathu** ezidweliswe kumhlathi 4 njengee-**categories (njengeendidi)**; mazinike izizathu ezivokothekileyo zesicelo sazo, zidwelisa izibonelelo zoncedo ezinazo ukwenzela ukuba kube nokungqiniswa ingcaciso; mazizibhengeze njengezizimiseleyo ukubonisa icwecwe lesikhumbuzo i-*Blue Plaque* kumphambili wesakhiwo sazo; yaye zingenise isicelo sabo ungalulanga umhla osikiweyo. Fumana kuqhotyoshelwe apha ifom yokwenza isicelo (isiHlomelo). **Ukwenza isicelo akuniki ngqiniseko yakuphumelela kwesicelo.**
- 3.5 Izikolo ziya kwaziswa nge-imeyili nangefoni ukuba ngaba zilinikiwe na icwecwe lesikhumbuzo i-*Blue Plaque* okanye hayi. Oku kuxhomekeke ngokupheleleyo kwingqiqo yepaneli.
- 3.6 Izikolo ezifumana amacwecwe esikhumbuzo ii-*Blue Plaques* kufuneka zona ubuqu **ziququzelele umsitho osesikweni wokunikezelwa nokutyhilwa** kwamacwecwe esikhumbuzo ngomhla nangexesha elifanele isikolo kunye nabaququzeleli bomsiho lowo. Ummeli osuka kwi-*Foundation* okanye kwiZiko uya kubakho ukuba umenyiwe. Icwecwe lesikhumbuzo i-*Blue Plaque* liya kuncanyathiselwa eludongeni kwiintsuku ezimbalwa phambi kwesiganeko yaye indleko yokufakelwa kwalo iya kudityaniswa kwiindleko zecwecwe lesikhumbuzo.

4. Iindidi zamacwecwe esikhumbuzo

- 4.1 Iindidi zamacwecwe esikhumbuzo zilulo hlobo lulandelayo:
- 4.1.1 Iminyaka yobudala besikolo (kufuneka sibe nobudala obungaphaya kweyi-125 ukuze sifaneleke ukungena)
- 4.1.2 Isakhiwo esibalasele gqitha ekuyilweni kwesakhiwo (umz. Isikolo esakhiwa ngumyili wezakhiwo obalaseleyo, isimbo sokwakhiwa kwesakhiwo, njl. njl.)
- 4.1.3 Inkonzo yesikolo **ekhethekileyo** enikwa abahlali (umz. sisikolo sokuqala sasekuhlaleni, sisikolo esizimeleyo esisesona sidala, igalelo kwimfundo eneemfuno ezizodwa, umz.)
- 4.1.4 Ukuphumelela nokuthubeleza phantsi kweemeko ezinzima (umz. ngethuba leMfazwe yaseMfazwe, ngethuba lemithetho yocalu-calulo yokufuduswa kwabantu ngenkani; ngendima yaso kwidabi lokulwela inkqubo yedemokhrasi, ngethuba lokwehla kwentlekele yezendalo, njl.)

- 4.1.5 Umfundi okanye utitshala wexesha elidlulileyo obalaseleyo (mayibe ngumntu osele wasandulela)
- 4.1.6 Izikolo ezaye zavalwa, kodwa nakuba kunjalo, zadlala indima ebaluleke gqitha kwezemfundo
- 4.2 Izikolo zisenokufumanisa ukuba zifaneleke kumacandelo amaninzi yaye zinokukubhala oku kwisicelo sazo phantsi kwesihloko esithi 'Thina sizathuza ngelithi ...'. **Nakuba kunjalo, oku akusayi kukomeleza ncam ukwamkelwa kwesicelo. Kungcono enyanisweni ekugxileni kudidi OLUNYE olusifanela ngeyona ndlela iyiyi isikolo sakho.**

5. Izicelo zika-2018

- 5.1 Umhla osikiweyo wokungena kwezicelo ngo-2018 yi-**14 Agasti 2018**.
- 5.2 Makwenziwe ukuba izicelo zibe nokufumaneka ekhompnyutheni nange-imeyili nangokusebenzisa ifom yesicelo enikiweyo (isiHlomelo A). Ezi zicelo mazithunyelwe apha: principal@centreforconservation.co.za
- 5.3 Izicelo eziziswe ngesandla, ngeposi okanye ezithunyelwa ngefeksi ziya kwamkelwa ngokunjalo, ukuba ziye zafunyanwa phambi komhla wokuvala. Ezi zicelo mazithunyelwe okanye ziziswe apha: **The Principal, Centre for Conservation Education, 9 Aliwal Rd, Wynberg, 7800**, okanye zithunyelwe ngefeksi apha: **(021) 762-8690**.
6. Ukufumana ingcaciso engaphezulu, kucelwa uqhagamshelane nenqununu yeZiko, uSigi Howes, kwifoni **(021) 762-1622**.
7. Kucelwa wazise okukule Ngcaciso iSetyhula zonke izikolo ezikwisithili sakho ukuze zikuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-BK SCHREUDER

UMLAWULI-JIKELELE WESEBE LEMFUNDO

UMHLA: 2018-07-07

**BLUE PLAQUE SCHOOLS PROJECT
2018 APPLICATION FORM**

As far as is possible, please complete this form electronically.

Please return it to principal@centreforconservation.co.za

Closing date: 14 August 2018

School: _____

Address: _____

Postal code: _____

Tel: (021) _____ Fax: _____

Email: _____

We hereby wish to apply for a Blue Plaque in the following category:

(Even if more than one category applies to your school, please choose the ONE that best describes what your school is proudest of. You may mention the other category/categories in the motivation. Maximum 400 words)

1. The age of our school (over 125 years)
2. Architecturally significant building
3. School's exceptional service to the community
4. School's survival under difficult circumstances
5. Past learner(s)/educator(s) (mentioned by name and no longer be alive)
6. A school that has closed and been lost

Our motivation is presented over the page.

If we could select the final wording on the plaque, we would like it to say:

(Maximum 25 words)

Our choice of language is:

(please select a maximum of two; if you want to have the plaque in two languages, then the wording limitation of 25 words must include both languages)

English Afrikaans Xhosa Other (please specify: _____)

Should we be successful in being awarded a Blue Plaque, we commit to:

- displaying the Blue Plaque on the front of the building, nearest the entrance;
- allowing the organisers and their workers access to the school in order to affix the plaque;
- arranging a 'handing-over' ceremony at a mutually agreed date;
- taking care, to the best of our abilities, that the Plaque is not damaged, vandalised or stolen.

We wish to be considered for the annual free Blue Plaque

We are able to pay the full cost of the Blue Plaque (R 1 750-00) ourselves

Name of contact person (please print):

Signature:

Name of principal (please print):

Signature:

Date:

Our motivation is as follows:

(Maximum 400 words. Please list the sources of this information, as it will have to be verified by the organisers. You may attach a maximum of 5 photographs if you feel they give weight to your application).